Ngaphesheya Komkhusane Wexesha

William Marrion Branham

Ngaphesheya Komkhusane Wexesha

Ngenye intsasa ndandingqengqe ebhedini yam. Kwaye ndandi . . . ndabe ndilele, ndaze ndaphupha ukuba uJoseph wayegula, ndabe ndimfunqule ukuze ndimthandazele. Ndaze ndathi ndakuvuka, ndakhathazeka kakhulu. Ndathi, "Ke, mhlawumbi uJoseph uzakugula."

Ndajonga, kwahamba phambi kwam, kwesincinane, isithunzi esimnyama, gxebe esimbala umdaka. Saze sakhangeleka ngathi ndim. Ndasijonga ke. Kwaze kweza emva kwaso Othile omhlophe, yabe ke inguYe. Ndakhangela ngaphaya kwinkosikazi yam, ukuze ndibone ukuba ihleli na, ndize ndiyibonise, yayinokuwubona loo mbono. Kodwa yayilele.

Ndathi, "Owu, uxolo, Nkosi. Kodwa, obo ibibubomi bam. Bekufuneka Undiqhubele kuyo yonke into endayenzayo. Ngalo lonke ixesha kukho into eyenzekayo, bendihleli ndicinga ukuba yayinguWe oyenzayo. Kwaye ndiyaqonda ukuba yayinguSathana ezama ukundigcina kude nayo." Ndathi, "Ukuba nje Ubunokundikhokelela." Ndijongile njalo, ndabona obona buso bakhe babuhle endodeni. Yayiphambi kwam ikhangele, emva. Wolula isandla saKhe wabamba esam, waqala *ukuhamba* ebheka ngapha. Umbono lowo wandishiya. Kwintsasa yale Cawe iphelileyo bendi, bendivuke kusasa ekuseni. Ngoko bekungoMgqibelo, lo mbono. Nge . . .

Ndihleli ndihluphekile, bendisoloko ndicinga ngokuba kona. Mna ndimashumi amahlanu, ku, ixesha lam ali . . . ndingacingi ukuba likude kakhulu. Ndaze ndamangaliswa ukuba ndiyakuba yintoni na kulaa

mzimba welizwi i—theophany, umzimba womoya. “Ingaba iyakuba kukuba ndiyakubabona abahlobo bam abathandekayo ukuze, kube, yinkungwana emhlophe edlulayo, ndize ndithi, ‘Nanko uMzalwana uNeville edlula,’ okanye angabinako ukuthi, ‘Bhota, Mzalwana uBranham’? Ukuze akufika uYesu ndibe ngumntu kwakhona.” Bendihlala ndicinga njalo.

Ndandiphupha ukuba ndandiphaya ngaphandle eNtshona. Kwaye ndandiphumela ndisihla kwindawo ethile enezityalo zokwenza isiqholo sokutya, nenkosikazi yam yayikunye nam, saye sasiloba udidi lwentlanzi ezinkulu zomlambo. Ndaze ndema nda—ndavula iheke. Isibhakabhaka singesihle ngako. Sasingakhangeleki njengokuba sinjalo ngaphaya kwengxingwa apha. Sasiluhlaza, namafu amahle amhlophe. Ndathi kwinkosikazi, ndathi, “Besimelwe kukuba saba lapha ngaphandle, kwakudala, sthandwa.” Yathi, “Ngenxa yabantwana, besimelwe koko, Billy.” Ndathi, “Yiloo . . . ” Ndaze ndothuka.

Ndacinga, “Ndiphupha gqitha! Ingaba kutheni?” Ndaze ndakhangela phantsi, nanko ke engqengqe ecaleni kwam.

Ndawuphakamisa ke umqamelelo wam, njengokuba uninzi lwenu lwakhe lwenza, ndabeka intloko yam phezu kwe—kwendawo yokungqiyama intloko yebhedi, ndazibeka emva kwam izandla zam. Ndandingqengqe apho ngoluhlobo *ke*. Ndaze ndathi, “Ke, ndiyamangaliswa nje kuyakuba yintoni na, kweliya cala. Sendinamashumi amahlanu, kwaye akukabikho nto ndiyenzileyo. Ukuba nje bendinokwenza into ethile yokunceda iNkosi, kuba ndiyazi ukuba andiyikuba

ngotshisayo. Isiqingatha sexesha lam siphelile, ngokuncinane, okanye ngaphezu kwesiqingatha sobomi bam. Nokuba ndiphile njengabantu bakuthi, nangoko isiqingatha sexesha lam siphelile." Ndaze ndaphunguza. Ndandingqengqe apho, ndilungiselela ukuvuka. Kwakumalunga nentsimbi yesixhenxe. Ndathi, "Ndiyaqonda ukuba ndizakuhla ndiye enkonzweni, kusasanje. Ukuba ilizwi laam litshile, ndingathanda ukuva uMzalwana uNeville eshumayela."

Ngoko ndathi, "Uhleli, sthandwa?" Wabe ekobude ngenene.

Kwaye andifuni uphoswe koku. Kunditshintshile. Andisenakuba ngulaa Mzalwana uBranham bendinguye kwakhona.

Ndakhangela ke. Ndeva into ethile, iphikele ukuthi, "Usaqala nje. Qina edabini. Qinisa nje njalo."

Ndashukumisa intloko yam okomzuzu. Ndacinga, "Ke, ngokuqinisekileyo ndicinga nje ngoluhlobo." Uyazi, umntu anganako ukuqikelela okuthile. Ndaze ndathi, "Ngokuqinisekileyo ndiyicingele nje loo nto."

Yathi, "Qinisa edabini. Qhubela phambili. Qhubela phambili."

Ndathi, "Mhlawumbi ndim othethe loo nto." Ndakhamnqa imilebe yam phakathi kwamazinyo, ndabeka isandla sam sagquma umlomo.

Nantso ke Ifika kwakhona, yathi, "Qinisa njalo nje. Ukuba ubuyazi nje into esekupheleni kwendlela!"

Kwaze kwakhangeleka ngokungathi ndiva uGranham Snelling, okanye umntu othile, owayecula elaa culo ngolu hlobo. Bayalicula apha, o-Anna Mae nani nonke.

> Ndikhumbula ekhaya okuluhlaza,
> ndifuna nokubona uYesu.
> Ndingathanda ukuva ezoo ntsimbi
> zonxweme zihloko ma.
> Kungakhanyisa indlela yam
> kunyamalalise konke ukoyika.
> Nkosi, mandikhangele ngaphesheya
> komkhusane

Nakhe naliva liculwa apha enkonzweni.

Kwaye ndeva kukho Into ethi, "Ungathanda ukukhe ubone ngaphesheya komkhusane?"

Ndathi, "Oko kungandinceda kakhulu."

Kwaye ndakhangela. Emzuzwini nje, nda... Ukuphefumla okunye ndandifike kwindawo encinane eyayilithambeka. Ndakhangela emva, nako apho ndandikhona, ndingqengqe ebhedini. Ndaze ndathi, "Iyamangalisa lento."

Ngoku, ndinokuthanda ukuphinda lento. Oku kwebandla lam, okanye izimvu zam endizalusayo. Nokuba kwakukuba, ndandikuloo mzimba okanye ndiphumile, nokuba yayikukuguqulwa, kwakungafani nombono endakha ndanawo. Ndandikwazi ukujonga Phaya, kwaye ndandikwazi ukujonga apha.

Ndathi nje ukuba ndifike kuloo Ndawo incinane, andizange ndibabone abantu abangako ukuba baninzi besiza bebaleka, bekhwaza, "Owu, umzalwana wethu othandekayo!"

Ndaza ndajonga. Kwaye kukho abafazi abaselula, mhlawumbi babekwisithuba esidlule kancinci kumashumi amabini, ishumi elinesibhozo ukuya kumashumi amabini, babezijula iingalo zabo bendanga, baza, “Umzalwana wethu othandekayo!”

Naku kusiza abafana, ekukhazimleni kokutsha bobudoda babo. Amehlo abo ekhazimla ekhangeleka ngathi ziinkwenkwezi kubusuku obumnyama. Amazinyo abo emhlophe njengeperile. Kwaye babekhwaza bendibamba, bekhwaza, “Owu, umzalwana wethu othandekayo!”

Ndaze ndema, ndakhangela. Kwaye ndandisemtsha. Ndajonga emva umzimba wam omdala ungqengqe phaya, izandla zam zinqamleze phezu kwentloko yam. Ndaze ndathi, “Andiyiqondi lento.”

Babe abafazi baselula bendanga ngeengalo zabo. Ngoku, ndiyaqonda ukuba esi sihlwele sixubileyo, kodwa oku ndikuthetha ngokumnandi nangokuthamba koMoya. Amadoda akanako ukwanga abafazi ukungabikho kuvakalelwa kobuntu; kodwa kwakungekho Phaya. Kwakungekho zolo nangomso. Babengadinwa. Babe . . . Andizange ndibabone abafazi abahle olo hlobo ebomini bam bonke. Babeneenwele ezinde zimela esinqeni kubo; iziketi ezimela ezinyaweni. Kwaye babendanga nje. Yayingekokwanga kunokwenziwa nditsho nangudade wethu, lo uhleli phaya, unokundanga ngako. Babengandincamisi, kwaye ndandingabancamisi. Yayiyenye into e—endingena—endingenamazwi, andinawo amazwi okuyithetha. “Yingqibelelo” ayinakuyichukumisa nokuyichukumisa. “Eyona inkulu” ayinakuyichukumisa nokuyichukumisa, nandawo. Yayiyinto endingeke . . . Kumelwe nje ukuba ube Phaya.

Kwaye ndakhangela *ngapha*, na*ngapha*. Babesiza, bengamawaka. Ndaza ndathi, “Andiyiqondi lento.” Ndathi, “Ke, ba . . . ”

Naku kusiza uHope. Yayiyinkosikazi yam yokuqala leyo. Wabaleka, akathi, “Myeni wam.” Wathi, “Mzalwana wam othandekayo,” wathi akundanga. Kwabe kukho omnye umfazi omi apho, owandangayo, waze uHope wanga loo mfazi; bangana. Ndaze ndacinga, “Owu, lento imelwe kukuba yinto eyahlukileyo. Ayinakuba . . . Ikho into . . . ” Ndacinga, “Owu ingaba ndingaphinda ndifune ukubuyela kwesa sidumbu sidala kwakhona?”

Ndaze ndaphunguza ngoko. Ndacinga, “Yintoni le?” Ndaze ndajonga, iyinto elunge kunene. Ndaze nda—ndathi, “A—andiyiqondi lento.” Kodwa uHope wakhangeleka ingathi owu, ulundwendwe olubekekileyo. Wayengahlukanga, kodwa ekhangeleka njengolundwendwe olubekekileyo.

Ndaze ndeva iLizwi ngoko lithetha nam, lalikwelo gumbi, lathi, “Oku koko wakushumayelayo ukuba kunguMoya oyiNgcwele. Olu luThando olugqibeleleyo. Kwaye akukho nto inokungena Apha ingenaLo.”

Kwaye ndizimisele ngakumbi, kunokuba ndakhe ndanjalo ebomini bam, ukuba kuthabatha uThando olugqibeleleyo ukungena Phaya. Okungekho mona. Kwakungekho kudinwa. Kwakungekho kufa. Ukugula kwakungeze, kungene Phaya. Ukubhubha; kwakungekhe—kwakungekhe kukwenze waluphale. Kwaye i . . . Babengenakulila. Yayiluvuyo nje olunye.

“Owu, mzalwana wethu othandekayo!” Baye bandithabatha bandinyusa, bandibeka kwindawo enkulu ephakamileyo.

Ndaze ndacinga, “Andiphuphi. Ndikhangele phaya emva e—emzimbeni wam ungqengqe phantsi apho ebhedini.”

Baze bandithatha bandibeka phezulu apho. Ndaze ndathi, “Owu, andimelwe kukuhlala apha.”

Naku kusiza abafazi namadoda, bevela macala omabini, beze ekudubuleni bobutsha babo, bekhwaza. Waze omnye umfazi owayemi apho, wakhwaza, “Owu, mzalwana wam othandekayo! Owu, sivuya kakhulu ukukubona Apha.”

Ndathi, “Andiyiqondi lento.”

Laze ela Lizwi belithetha, livela ngentla kwam, lathi, “Uyazi, kubhaliwe eBhayibhileni, ukuba, ‘Abaprofeti bahlanganiselwa kubantu bakwawo.’”

Ndaze ndathi, “Ewe. Ndiyayikhumbula loo nto eSibhalweni.”

Lathi, “Ngoko, koku kuxa uyakube uhlanganiselwe kubantu bakowenu.”

Ndathi, “Ngoko ke bayakuba yinene, ndaye ndinako ukubabamba.”

“Owu, ewe.”

Ndathi, “Kodwa, kukho izigidi apha. Ababaninzanga olo hlobo abakwaBranham.”

Laze ela Lizwi lathi, “AbangobakwaBranham. Bona bangowabaguqulayo. Ngabo wabakhokelela eNkosini.” Laze ndathi, “Abanye bababafazi baphaya, ucinga ukuba bahle olo hlobo, babengaphaya kwamashumi alithoba eminyaka ubudala ekubakhokeleleni kwakho eNkosini. Akumangalisi ukuba bekhwaza nje, ‘Umzalwana wethu othandekayo!’”

Bona babekhwaza ke, kwathi ngequbuliso, bathi, “Ukuba wawungazanga uye, ngesingazanga sibe Lapha.”

Ndaphunguza. Ndacinga, “Ke, andiyifumani.”

Ndathi, “Owu, uphi uYesu? Ndifuna ukuMbona, kakhulu.”

Baze bathi, “Ngoku, Yena ukwindawo engentlana, kanye *phaya* phezulu.” Bathi, “Ngenye imini Uyakuza kuwe. ‘Yabona?” Bathi, “Wathunyelwa, ukuze kubeyinkokeli. Kwaye uThixo uyakuza. Aze athi Akuza, Uyakukugweba ngento owabafundisa yona, kuqala, ukuba bayangena na okanye hayi. Siyakungena ngokwemfundiso yakho.”

Ndathi, “Owu, ndivuya kakhulu. Kwaye, ukuba uPawulos, umelwe ukuba ame ngolu hlobo naye? Ingaba uPetros umelwe kukuma ngolu hlobo naye?”

“Ewe.”

Ndathi, “Ngoko ndashumayela iGama ngalinye abalishumayelayo. Andizanga ndahluke kuLo, kwelinye icala nakwelinye. Apho babhaptiza eGameni likaYesu Kristu, ndenza njalo nam. Apho bafundisa ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, ndenza njalo nam. Nantoni na abayifundisayo, ndafundisa kwayona nam.”

Baza abo bantu bakhwaza, bathi, “Siyayazi loo nto. Kwaye siyazi ukuba siyakuya nawe, ngenye imini, sibuyele emhlabeni.” Bathi, “UYesu uyakuza, kwaye uyakugwetywa ngeLizwi owalishumayela kuthi. Kwaye ukuba uyamkelwa ngeloo xesha, ntoleyo iyakwenzeka,” baze bathi, “ngoko uyakusisa kuYe, njengendebe

zolungiselelo lwakho." Bathi, "Uyakusikhokelela kuYe, kwaye, sisonke, siyakubuyela emhlabeni, ukuze siphile ngonaphakade."

Ndathi, "Ndimelwe ukuba ndibuyele emva ngoku?"

"Ewe. Kodwa qhubela phambili njalo."

Ndaze ndakhangela. Ndabe ndibabona abantu, kude kangangokuba ndandinokubona, beseza, befuna ukundanga, bekhwaza, "Umzalwana wethu othandekayo!"

Kanye ngoko iLizwi lathi, "Yonke into owakhe wayithanda, neyakhe yakuthanda, uThixo ukuyekile Apha." Ndaze ndakhangela. Naku kusiza inja yam endala, isiza ihamba. Naku kusiza ihashe lam. Labeka intloko phezu kwegxalaba lam, lakhala. Lathi, "Yonke into owakhe wayithanda, nayo yonke into eyamthandayo, uThixo uyinikele esandleni sakho, ngenxa yolungiselelo lwakho."

Ndaze ndiziva ndisuka kuloo Ndawo intle.

Ndaza ndaphunguza. Ndathi, "Uhleli, sthandwa?" Wayesalele.

Ndaze ndacinga, "Owu Thixo! Owu, ndincede, owu Thixo. Ungaze undiyeke ndenzelele nangeLizwi elinye. Mandihlale ngokuthe ngqo kanye kwela Lizwi, ndiLishumayele. Andikhathali nokuba kuza ntoni na okanye kumka ntoni na, nokuba nabani na wenza ntoni na; bangaphi na ooSawule oonyana bakaKishe abavelayo, nokuba zingaphi *ezi*, *eziya* okanye *ezinye*. Mna, Nkosi, mandizimisele ukuya kuloo Ndawo. Konke ukoyika ukufa . . .

Oku ndiyakuthetha, neBhayibhile yam iphambi kwam, kusasanje. Ndinenkwenkwe esencinci phaya, eneminyaka emine ubudala, endimelwe kukuyikhulisa. Ndinentombazana eneminyaka elithoba; nomfanyana, endinombulelo ngaye, ngokuthe waguqukela endleleni yeNkosi. UThixo makandenze ndiphile, ukuze ndibakhulisele ekuhloneleni uThixo.

Kwaye ngaphezu koko, ihlabathi liphela likhangeleka ngathi liyandikhwaza, abafazi amashumi alithoba anethoba ubudala namadoda, nazo zonke iintlobo. “Ukuba wawungazange uye, ngesingazange sibe Lapha.”

Kwaye, Thixo, mandiqhubele edabini. Kodwa ukuba kufika ekufeni, ndisenako . . . Ingaba luvuyo, ingaba kukuzithandela, ukungena, ukusuka koku konakalayo nehlazo.

Ukuba ndinokuya kufika, phaya ngaphesheya, kwikhulu lezigidi eziphindwe kabini ngaphezulu, nokwakhiwa kwesakhiwo sesixeko, kwaye olo Thando olugqibeleleyo; nyathelo ngalinye elibheka ngapha, kuya kucutheka, side sifikelele apho sikhoyo ngoku. Kungaba sisithunzi nje sokunokonakala, laa nto incinanana sinako ukuba nokuyijoja siyiphathe ukuba kukho nto ithile ndaweni ithile. Asiyazi ukuba Yintoni na.

Owu, zihlobo zam ezithandekayo, bathandekayo bam, zithandwa zam zeVangeli, bantwana endibazelele kuThixo, ndiphulaphuleni, mna malusi wenu. Nina, ndinqwenela ukuba bekukho indlela ethile endinokunicacisela ngayo lento. Akukho mazwi; andinakuwafumana; awafumaneki naphi na. Kodwa nje ngaphesheya kwalo mphefumlo wokugqibela, eyona ndawo iyezukileyo kwakhe . . . Akukho ndlela

yakuyicacisa. Akukho ndlela. Andinako nje ukuyenza loo nto. Kodwa nantoni na oyenzayo, sihlobo, bekela bucala yonke enye into ude ufumane uThando olugqibeleleyo. Fikelela kwindawo apho unokuthanda wonke umntu, lonke utshaba, yonke into.

Olwa tyelelo lunye Phaya, kum, lundenze ndaba ngumntu owahlukileyo. Andingekhe, ngekhe, ngekhe ndibe nguMzalwana uBranham ebendinguye. Nokuba iinqwelo mafutha ziyagangxeleka, nokuba imibane iyadanyaza; nokuba kukho intlola endiphethele umpu. Nokuba yintoni na, ayinamsebenzi. Ndizakuqhubela phambili edabini, ngobabalo lukaThixo. Kuba, ndiyishumayele iVangeli kuso sonke isidalwa nakuye wonke umntu endibe nako, ndibacengela kwelo Lizwe lihle ngaphesheya.

Isenokukhangeleka ngathi inzima. Isenokuthatha amandla amaninzi. Andazi ukuba lingakanani na ixesha eliseleyo. "Asazi, xa sithetha ngokwasenyameni." I. . .Ekuxilongweni kwam ngenye imini, kwathi, "Unamashumi amabini anesihlanu eminyaka obunzima, obomi obulungileyo. Womelele." Loo nto yandinceda. Kodwa, owu, yayingengokuphela oko. Yayingekokuphela oko. Yinto ethile engaphakathi *apha*. Oku konakalayo kumelwe ukwambatha ukungonakali. Oku kubhubhayo ukwambatha okungabhubhiyo.

Oonyana bakaKishe bangavela. Ba. . .Zonke izinto ezilungileyo abazenzayo, andinanto yimbi ndinokuyithetha ngokuchasene nazo, ukupha amahlwempu nakwindawo zokubonelela. Kwaye khumbula, ngoba, uSamuweli waxela uSawule, "Uyaprofeta nawe." Kwaye abaninzi kwabo bantu bakhulu, bangabashumayeli abakhulu, bayakwazi

ukushumayela iLizwi njengengelosi ezinkulu. Kodwa nangoko ibe ingeyontando kaThixo. UThixo wayemelwe kukuba ngukumkani wabo. Mzalwana, dade, vuma uMoya oyiNgcwele akukhokele.

Masithobe iintloko zethu okomzuzu.

Ndikhumbula ikhaya okuluhlaza,
ndifuna ukubona uYesu,
Ningathanda ukuva ezo ntsimbi
zimnandi zonxweme zikhala;
Oko kungayikhanyisa indlela yam
kunyamalalise konke ukoyika;
Nkosi, masikhangele ngaphaya
komkhusane wexesha.

Nkosi, mandikhangele ngaphaya
komkhusane weentsizi noloyiko,
Mandibone loo mozulu ikhanya ilanga;
Oko kungomeleza ukholo lwethu
kunyamalalise konke ukoyika;
Nkosi, mandikhangele ngaphaya
komkhusane wexesha.

Ndiqinisekile, Nkosi, ukuba eli bandla lincinane, kusasanje, lingathi nje likhangele ngaphaya komkhusane! Akunakubakho kuxhwaleka phakathi kwabo; akunakuze kubekho. Kungabikho sifo; kungabikho nto iyenye ibe yingqibelelo kuphela. Kwaye Kungumphefumlo omnye phakathi kwalapha naPhaya, ukusuka ebudaleni ukuya ebutsheni, ukusuka kwixesha ukuya kwinguNaphakade; ukusuka ekudinweni kwezolo, nentsizi zezolo, ukuza kwixesha elimiyo likaNaphakade engqibelelweni.

Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Usikelele wonke umntu apha, ukuba kukho apha, Nkosi, abangaKwaziyo ngala

ndlela yoThando. Kwaye ngenene, Bawo, akukho nto inokungena kulaa Ndawo ingcwele ngaphandle kolo hlobo loThando, uZalo olutsha, ukuba ngozelwe ngokutsha. UMoya oyiNgcwele, Thixo, uluThando, kwaye siyazi oko kuyinyaniso. Akunamsebenzi nokuba singasusa iintaba ngokholo lwethu, kuba senze izinto ezinkulu, nangoko, ngaphandle kwaLo apho, asinakuze sinyuke kwela nqwanqwa lingaphesheya phaya. Kodwa ngaLo, Liyakusinyusa lisise ngaphaya kwala maxhala ehlabathi. Ndiyathandaza, Bawo, ukuze Usikelele aba bantu balapha.

Kwaye kwanga, oku, wonke umntu ondivileyo, kusasanje, ndixela leNyaniso, uze Wena ube lingqina lam, Nkosi, njengoSamuweli wakudala; "Ndakhe ndabaxelela into eGameni laKho ingeyiyo iNyaniso?" Ngabo abagwebi. Kwaye ndibaxelela ngoku, Nkosi, ukuba Wena wandithatha wandisa kwelo Lizwe. Kwaye uyazi loo nto ukuba yinyaniso.

Kwaye ngoku, Bawo, ukuba kukho abathile abangaKwaziyo, yanga le ingayiyure abayakuthi ngayo, "Nkosi, beka ngaphakathi kwam intando yaKho." Siphe oko, Bawo.

Kwaye ngoku, nina, nizithobile iintloko zenu, ningaziphakamisa izandla zenu, nithi, "Ndithandazele, Mzalwana uBranham; uThixo abe nani."

Ngoku ngeli thuba kanye ukulo ndawo ukuyo, ngokuzole ngenene, kutheni ungathi nje kuBawo, "Thixo, ngaphakathi entliziyweni yam, namhlanje, ndiyazala zonke ezi zinto zehlabathi. Ndiyayala yonke enye into, ukuze ndithande Wena ndiKunqule, bonke ubomi bam. Kwaye ndiyakwenza njalo, ukusukela namhlanje,

ukusukela ngoku, ndiKulandele, kuso sonke iSibhalo seBhayibhile”? Ukuba awukabhaptizwa ngobhaptizo lwaMakristu, “Ndiza kuya Nkosi.”

“Ukuba andikawamkeli uMoya oyiNgcwele . . .” Uyakwazi xa uwaMkele. Uyakukunika, Uyakukunika isiqiniseko noThando olusweleyo. Owu, usenokuba wenze ngendlela eyahlukileyo, wanokuziva, njengokuba usenokuba uye wakhwaza okanye wathetha ngeelwimi, ntoleyo ilungile. Kodwa ukuba olo Thando luNgcwele alukho, ndikholelwe ngoku, uthi, “Nkosi, beka ngaphakathi entliziyweni yam, nasemphefumlweni wam, kufikelela kuMoya waKho, ukuze ndibe nokuthanda, nokuhlonipha, ndibe noloo Thando luNgcwele entliziyweni yam, namhlanje, oluyakundithatha lindise kwelo Lizwe wakundishiya umphefumlo wokugqibela wam,” ngeli thuba sithandazayo. Uthandaze, “ngokwakho,” ngoku. Ngendlela eyeyakho, uthandaze, ucele uThixo ukuba akwenzele loo nto.

Ndiyanithanda. Ndiyanithanda. Nina madoda azingwevu ezihleli apha, athe asebenza nzima abondla abantwanana! Nina zintsizana, zoomama abadala abathi behlise iinyembezi ngamehlo abo! Mandikuqinisekise oku, dade, othandekayo, akunjalongo phaya ngaphesheya komnye umphefumlo. Ndiyakholwa Ukuba kukho apha egumbini. Yenye nje imo esithi siphile kuyo. Le ekunokonakala oku siphila kuko ngoku.

“Kodwa intando kum, Nkosi, intando yaKho ukuba yenzeke.” Uthandaze, ngeli thuba sithandaza kunye.

Ngokuhlonipha, Nkosi, phezu kweziseko zeLizwi laKho noMoya oyiNgcwele waKho, sivuya kakhulu ukuba sibe siyazi ukuba ukuzalwa kwethu kuvela phi na. Sivuya

kakhulu ukuba sa “zalwa kungengakuthanda kwandoda nakuthanda kwanyama, koko kungokuthanda kukaThixo.”

Kwaye siyathandaza, namhlanje, Bawo, ukuba aba bacela ukuxolelwa ngobabalo, ukuba uMoya waKho uwenze lo msebenzi, Nkosi. Akukho ndlela kum ndinokuyenza ngayo loo nto; ndingumntu nje, omnye unyana kaKishe. Kodwa siswele Wena, unguMoya oyiNgcwele.

Thixo, mandibe njengoSamuweli, yena uxela iNyaniso yeLizwi. Kwaye uLingqinele, ukuza kuthi ga ngoku, kwaye ndiyakholwa ukuba Uyakuqhubela phambili, oko nje ndihleli ndinyanisekile kuWe.

Banga bonke ngoku bangamkela uBomi obunguNaphakade, Bawo. Kwanga oku akungemki kubo. Kwiyure abayakuthi bafikelele ekushiyeni eli hlabathi, kwanga oku, oku ndikuthethileyo kubo, kungavulekela ekubeni yinene. Kwaye njengokuba sihlei apha, singababhubhayo, namhlanje, sikhangele ewotshini yethu, sicinga ngedinala yethu, yomsebenzi ngomso, namaxhala nokuhlupheka okobomi, akayi Ngoko. Onke ayakunyamalala. Akusayi kubakho xhala; kuyakuba luvuyo olunye lwangoNaphakade. Banike olo hlobo loBomi, Bawo, ngabanye. Kwaye kunganga . . .

NdiyaKucela ngoku, Bawo, ukuba wonke umntu olapha kusasanje, ondivileyo ndixela lo mbono, ndanga ndingahlangana nabo bonke ngabanye kweliya cala; nangona kuyakuba mhlawumbi kukho abantu apha abangayi kuvumelana nam, amadoda apha angayi kuvumelana nam, nabafazi, ngokunjalo. Kodwa, Bawo, ungaze uvume oko ukuba kume endleleni yethu. Sanga

singahlangana nabo phaya ngaPhesheya, babaleke, nabo, size sixhawulane, sikhwaza, "Umzalwana wethu othandekayo." Makube njengokuba kwakubonisiwe Phaya, Nkosi, kuye wonke ubani, bonke endibathandayo, nabo bonke abandithandayo. Ndiyathandaza ukuba kube lolo hlobo, Nkosi. Ndiyabathanda bonke. Mabavele, Bawo. Ndiyabanika uBawo onguNaphakade ngoku. Banga bangadlala eyabo indima, ukuBamkela. Kuba ndikucela eGameni likaYesu. Amen.

Sinemizuzu nje embalwa, ukuba sithandazele abagulayo. Ndiyabona ukuba sinomncinane, intombazana encinane egulayo, nenenekazi elisesitulweni.

Ngoku, kubazalwana abathandeka kakhulu, oodade, nincede ningandivi kakubi. A—andazi ukuba kwenzeka ntoni na. Andazi ukuba kwenzeka ntoni. Kodwa, Thixo, xa ndisifa, mandibuyele Phaya. Ndenze ukuba ndibuyele kuloo Ndawo, kulapho ndifuna ukubakhona, nokuba kuphi na. Andizami ukuba nguPawulos owenyuswa wasiwa kwelesithathu izulu. Andithethi loo nto. Ndiyakholwa ukuba Wayezama nje ukukhuthaza, wayezama ukundinika into ethile enokundiqhubela phambili, kulungiselelo lwam olutsha oluzayo.

(Icatshulwe ku-*UKumkani Owaliweyo*, May 15, 1960)

XHOSA

©2001 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
P.O. Box 178, Somerset West, 7129 Cape Province, Republic Of South Africa
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org